ISoweto yeyona lokishi inkulu eMzantsi Afrika. Ikwidoluphu iRhawuti. Bangaphaya kwesigidi abayibiza ikhaya labo iSoweto.






Yindawo enembali enkulu enodumo jikelele. Abantu baseSoweto bancedisa kakhulu ukulwela inkululeko.

ISoweto likhaya likaMongameli uNelson Rholihlahla Mandela nenkosikazi yakhe, uMama uWinnie Nomzamo Madikizela-Mandela. Abantwana babo bakhulele kweli khaya.






Banikezela ngalo ukuba libe yindlu yombukiso gcino. Lo mzi uqulethe izikhumbuzo ezivele kwixesha elifutshane behlala  kunye kuyo.

Lo mzi uthandwa kakhulu ngabakhenkethi. Ukwesona sitrato saziwayo eSoweto, isitrato iVilakazi. Esi sitrato siso sodwa emhlabeni jikelele esinezindlu zabantu abaphumelela iBhaso loXolo leNobheli.





UTata oyiBhishophu enkulu, uDesmond Tutu ngumntu wesibini ohlala kwesi sitrato owafumana eli bhaso.

Abantu abahlala eSoweto basuka kwiindawo ngeendawo.  Bathetha iilwimi ngeelwimi ezahlukileyo zaseMzantsi Afrika.





Amawaka ngamawaka abakhenkethi abasuka mbombo zone zehlabathi bathontelana eSoweto minyaka le. Batsalwa yimbali nobuhle bale ndawo.



Bonwabela ukujikeleza umzi gcino namanye amaziko embali nenkcubeko. Kukho amaqela amaninzi abaculi nabadanisi onwabisa abakhenkethi kwisitrato iVilakazi.

ISoweto likhaya lawona maqela makhulu ebhola ekhatywayo eMzantsi Afrika. IKaizer Chiefs neOrlando Pirates ngawona maqela anabalandeli abaninzi bebhola ekhatywayo. La maqela adume kwiAfrika yonke ngokudlala ibhola esemgangathweni.




Zininzi izinto ezenzeka eSoweto ezikhumbuza abantu ngemvelaphi yelizwe loMzantsi Afrika. Kubantu abaninzi, iSoweto inika ithemba lesizwe esisezakuphumelela ngenxa yabantu baso ababambiseneyo ekusakheni.